



# UMQULU WOBULUNGISA KWIMOZULU

# Umqulu Wobulungisa Kwimozulu

**EyeThupha 2020**

Join the Climate Justice Charter Movement!

Contact: [copac2@icon.co.za](mailto:copac2@icon.co.za)

011 447 1013

[www.safsc.org.za](http://www.safsc.org.za) [www.copac.org.za](http://www.copac.org.za)



## UMqulu Wobulungisa Kwimozulu<sup>1</sup>

### 1. Makwenziwe Ubulungisa Kwimozulu Ngoku

NjengamaAfrika, sihlala kunye kwilizwekazi elikhulu nelihle apho liqala khona ibali lomntu. Sonke sidityaniswe kumntu wokuqala owahamba, waphupha, wacinga kwaye ekho ngaxesha nye nezityalo, izilwanyana, imilambo, amalwandle kunye namahlathi. Namhlanje obu buntu kunye nekamva labo zisengozini enkulu. UMzantsi Afrika ufanele uyithathel' ingqalelo le meko. Ukusetyenziswa ngokuqhubekayo kweoyile, igesi namalahle ukuxhasa ezoqoqsho kunye noluntu lwethu kwenza yonk' into ephilayo kwihlabathi lethu ingakwazi ukuphila.

Ihlabathi lonakaliswa yile nkqubo ebeka inzuzo phambili kunobomi. Amaqondo obushushu anyukela phezulu ebanga umonakalo ongathethekiyo, nyaka ngamnye. Ngokonyuka nje kweqondo lobushushu eli-1 leSelsiyasi kwiplanethi ukusukela kwabakho iifektri, yonke into itshintsha ngokukhawuleza: imozulu eyothusayo enyuka ngokugqithisileyo (imbalela, izikhukhula, imililo yamadlelo, iinkanyamba, nobushushu obugqithisileyo), ukuphela kwezinto eziphilayo nendawo eziphila kuyo, ukonyuka kwenqanaba lamanzi aselwandle, kunye noxinzelelo olungundoqo kwiinkqubo zoMhlaba. Sibuhlungu ke kodwa kuba ikamva elinemozulu ezinzileyo liyaphela. Imbalela ebesinayo kutsha nje isifundise eso sifundo. Siyacaphuka kuba abaphathi bethu abamameli. Ukungalingani nentlupheko yabantu bethu, kuquka ubhubhane we-Covid-19, kuhambele phambili. Sinethemba ke, nakuba kunjalo, kuba inzululwazi yemozulu ingecala lethu. Njengenzululwazi ye-Covid-19, inzululwazi yemozulu icela ukuba kuthathwe amanyathelo abonisa inkathalo

---

<sup>1</sup> Lo Mqulu wobuLungisa kwiMozulu uvela kukhankaso lweminyaka emithandathu, ngexesha leyonam balela yake yambi kwimbali yoMzantsi Afrika, ngowePhulo leLungelo lokuTya okuneMpilo nokweNkcubeko eMzantsi Afrika kunye neZiko looKopoletyeni noMgaqo-nkqubo ongomNye. Ulwazi luvela kwizimvo zabo basezantsi kwiindawo zoluntu eziphantsi koxinzelelo lwamanzi, abacholi beendaba, ezemisebenzi, uluntu olusekelwe kwinkolo, ulutsha, oosonzululwazi bemozulu, izifundiswa, imibutho yabasetyhini, imibutho yokusingqongileyo kunye neyobulungisa ekuhlaleni, ngokunjalo, namanqaku amatshantliziyo aphantsi. Inkomfa eyayibanjwe ngoNovemba ka-2019 yadibanisa uqulunqo olwaye lwabekwa kwi-intanethi ukuze uluntu lunike izimvo. Umjikelo wokugqibela wokunikwa kwezimvo luluntu wanikwa kwiNdibano yobuLungisa kwiMozulu eyayibanjwe ngowe-16 Juni 2020. Olu xwebhu sisiphumo sale nkqubo ynengoxo-mpikiswano kunye noxhathiso kubulungisa bemozulu.

ngoku. Lo Mqulu sisimemo sokuba wonke umntu okhathalayo ngobomi bomntu kunye nezinto eziphilayo athathe amanyathelo okusa phambili umbono womhlaba – wamaphupha abantu, ezinye iindlela neminqweno yenguqu ezibubulungisa.

Imigodi, imizi yokucokisa, iindawo zokutshisa inkunkuma, iinqwelomoya, amashishini esamente, kunye neemoto zize nongcoliseko, izigulo, iityhefu kunye nentlupheko kuluntu lwethu. Izinto ezilinyiweyo ezifakwe imichiza kwaye ezithunyelwa kwamanye amazwe zibange izifo ezohlukeneyo. Nakuba kunjalo siye sahlangu. Ngezifundo ezifundwe kwezi ngozi kunye nokubaluleka kwezinto ezenza impilo (umhlaba, amanzi, izityalo nezilwanyana nendawo eziphila kuzo, amandla ombane, iinkqubo zomhlaba kunye nokunxulumene nobuchwepheshe bolwazi), siqhubela phambili nokuzibophelela kwethu kubulungisa, obubekwe emandleni abantu. Yiloo nto, sikhetha ukuyiphelisa le mfazwe nendalo.

Intlekele engaphaya eyothusayo ngemozulu kunye nezinto eziphilayo nendawo eziphila kuyo iya kukhokelela kwintlupheko engakumbi (kunye noobhubhane abangaphaya), kubantu abaninzi, ingakumbi abasebenzi, abahluphekayo, kwaba khubazekileyo, abangenamhlaba nabasesichengeni. Ezi ayizontlekele zendalo nje kodwa zingunobangela wokusilela kweenkokeli. Njengoko sikhusele ubomi bendalo kwaye siphila kwimozulu ekumgangatho owehlayo, sifuna ukuphelisa ukungabikho kobulungisa kuhlangu, udidi, isini kunye nakwizinto eziphilayo kunye nendawo eziphila kuyo. Ngeke siyeke abafazi kunye nabantwana ibe ngabona abachatshazelwa yile ntlekele, njengangaphambi kwe-Covid-19 nasebudeni bayo. Imisebenzi yasekhaya eyenziwa ngabafazi abahlala kwiindawo ezihlelelekileyo nokuzinikela kwabo kunegalelo ekunciphiseni ukuhlupheka ngoxa amadoda eqhubela phambili nogonyamelo. Indawo engenayo ikhabhoni kunye neenkqubo ezixhasa ubomi ngempumelelo zithetha ukukhululeka kumntu wonke, kuquka nezizukulwana zexa elizayo, kule nkqubo itshabalalisayo. Lo ngumzabalazo wexesha lethu kunye nomsebenzi wethu wezembali njengabantu baseMzantsi Afrika, nanjengenxene yoluntu ehlabathini lonke.

## 2. Iinjongo Zalo Mqulu

Lo Mqulu ujolise:

- 2.1 Ekubeni kuqondwe ukuba sonkesiphila kwiplanethi enye. Umhlaba ulikhaya leentlobo zezinto zonke eziphilayo. Yiloo nto, sifuna ukuqinisekisa indima kunye noxanduva lwethu njengabagcini bezinto eziphilayo kunye neendawo eziphila kuzo ezikwiplanethi yethu kunye nobomi bendalo obubuthathaka .
- 2.2 Ukuveza iingcinga ezingunobangela wale ntlekele ngenxa yokuthi phithi kuukufuna ukukhula, inkqubela nokongamela. Amandla omntu alinganiselwe ngenxa yemiqathango emiselwe zonke ,izinto eziphilayo nendawo eziphila kuyo. Ukonakaliswa koMhlaba, kuwenza uveze amandla awo angakumbi esingenakumelana nawo .
- 2.3 Ukusikhumbuza ukuba kuthetha ntoni ukuba ngumntu eMhlabeni. Ayipheli indalo, kwaye ke siyinxelenye nje encinane yayo. Kufuneka siqonde ukuba into nganye kwizinto eziphilayo nendawo ephila kuyo inexabiso kwaye kufuneka ihlonitshwe.
- 2.4 Kwintsebenziswano enzulu. Siyaphumelela njengabantu xa simanyene, sisabelana, siphila ngokungangxamanga, sikhululekile, siqinisekisa iimfuno zethu kwaye sigcina kakuhle iziseko zomhlaba wobomi bethu. Lifikile ke ixesha lokuphelisa ingqiqo yomntu yokuzicingela wedwa, ukungoneli, ukhuphiswano, ubundlobongela kunye nokufuna udumo .
- 2.5 Ukoyisa intlekele yeempembelelo zamashishini yeenkokeli zopolitiko, ezingacingi ngengomso, ezithi 'izinto mazenzeke ngesiqhelo' kwaye ziyasilela ukuqonda oonobangela abangundoqo beengxaki. Siyazikhaba izisombululo zabo zobuxoki ezandisa ukusetyenziswa kwekhabhoni kwaye zihambisele phambili inkqubo engenabulungisa etshabalalisa ubomi.

2.6 Ukomeleza idemokrasi yethu, umgaqo-siseko kunye nokubambelela kwinkqubo yomgaqo-siseko enotshintsho, nokubanga amalungelo ethu nokwakha abantu abamanyeneyo, njengoko sijongana nengxakiyemozulu kunye nentlekele kubudlelwane obuphakathi komntu nezinto ezimngqongileyo.

### **3. Imithetho-siseko Yenguqu Enzulu Enobulungisa**

Uluntu ngalunye, ilali, idolophu, isixeko nendawo yokusebenza kufuneka zise phambili inguqu enzulu enobulungisa ukuqinisekisa utshintsho kubudlelwane obuphakathi komntu nezinto abandakanyeka kuzo. Le mithetho-siseko ilandelayo iza kukhokela ezinye iindlela, amacebo kunye neenkqubo ngokubhekisele kwinguqu enzulu yobulungisa kuluntu lwethu:

3.1 **Ubulungisa kwimozulu:** Abo bangenatyala mabangonzakaliswa okanye bathwale uxanduva lweempembelelo zemozulu. Yiloo nto ke iimfuno zabasebenzi, zabo bahluphekayo, zabangenamhlaba, zabakhubazekileyo, zabafazi abangathathi ntweni, zabantwana kunye noluntu oluhlelekileyo kufuneka zibe ngundoqo wenguqu enzulu enobulungisa. Iinzuzo zotshintsho kubudlelwane obuphakathi komntu nezinto abandakanyeka kuzo kufuneka kwabelwane ngazo ngokulinganayo.

3.2 **Ubulungisa ekuhlaleni:** Ubulungisa kwimozulu bubulungisa ekuhlaleni. Ukujongana nazo zonke iintlobo zocalulo kunye nengcinezelo ezinxulumene nohlanga, udidi, isini, ubuni neminyaka, ukufumana ubulungisa kwimozulu kunye nasekuhlaleni.

3.3 **Ukuphila unenkxalabo emandla ngemiba yokusingqongileyo:** Ukuphila ubomi obulula nobupholileyo, ngendlela ekwenza ube nenkxalabo emandla ngemiba yokusingqongileyo, ekuqondayokuba ngcwele kwazo zonke iintlobo zobomi, ukumanyana, intlonipho nokukhathala.

- 3.4 **Inxaxheba kwidemokrasi:** Yonke imigaqo-nkqubo yemozulu kunye neyenguqu enzulu enobulungisa kufuneka ibe nolwazi ngezimvo , imvume neemfuno zabo bonke abantu, ingakumbi abo bajongene nokwenzakala.
- 3.5 **Ubunini obenziwe ngendlela eyamkelekileyo:** Emisebenzini nasekuhlaleni, amandla abantu kufuneka azivakalise ngokwawo ngolawulo lwedemokrasi kunye nobunini, kuquka nangezinto eziluncedo ezinedemokrasi zikawonke-wonke, oosomashishini, ukusetyenziswa kwamalungelo afanayo okusetyenziswa komhlaba, ubunini babantu bonke kunye nocwangciso lothatho nxaxheba, kuquka uhlahlo lwabiwo-mali ekuthathwa kulo inxaxheba ngabantu, ezidolophini nakwizixeko, ukuqinisekisa ulawulo olumanyeneyo lwezinto eziqhelekileyo neenkqubo ezinegalelo ebomini.
- 3.6 **Imbumba yamanyama yehlabathi:** Wonk' umntu uzabalazela ukugcina ubomi. Kwimeko yemozulu eya isiba mandundu, imbumba yamanyama yehlabathi ingundoqo kwinguqu enobulungisa enzulu kuba isebenza ukumanyanisa bonke abalwela ukuphila ngokukhululeka kwihlabathi elingenakhabhoni.
- 3.7 **Ukunika izithanga umazilawule:** Ukongamela kwezithanga, ukusetyenziswa koxinzelelo loqoqosho nolwezopolitiko ukulawula amanye amazwe kunye nenkolo yexabiso lezithanga zisiqhubela ekupheleni kwethu. Oku kusekelwe kunqulo lokuthathwa kwmithombo yendalo emhlabeni, ubuchwepheshe, izimali, ubundlobongela neemarike. Siza kuzisusa ngamandla kule nkqubo njengoko siqinisekisa ubudlelwane obunxulumene nenkululeko phakathi kwabantu kunye nohlobo olungebabo abantu obendele kwimbali yethu, inkcubeko, ulwazi kunye nomzabalazo obanzi wabacinezelweyo kwiplanethi engumhlaba.
- 3.8 **Ubulungisa obubandakanya izizukulwana ezininzi:** Ukukhathalela iplanethi yethu kunye nezinto eziphilayo nendawo eziphila kuyo

kubalulekile kubulungisa obubandakanya izizukulwana ezizayo; ukugcina ikamva labantwana bethu, ulutsha kunye nabo bangekazalwa.

#### **4. Ezinye iindlela Ezichaphazela Izinto Ezininzi Kutshintsho Oluguqulayo**

Sijongene neentlekele ezininzi kodwa intlekele yemozulu yeyona iyingozi. Ngokuyilungisa le ntlekele yemozulu, echaphazela yonke into, sinokusa phambili kanaanjalo izisombululo kuyo yonke intlekele kubudlelwane obuphakathi komntu kunye noko abandakanyeka kuko kuze kuphelise imfazwe nendalo. Ezinye iindlela ezichaphazela izinto ezininzi ziyimfuneko ukulungisa oonobangela botshintsho lwemozulu, iingozi noxinzelelo lwazo ekuweni kweenkqubo.

Zikhona ezinye izinto ezahlukileyo kwiigesi ezinekhlabhoni, ezinokuhlangabezana neemfuno zethu ezisisiseko, ezinokusenza sikwazi ukumelana neentlekele zemozulu kwaye zivuselele iinkqubo ezixhasa ubomi. Iinkqubo ezizezinye ezinjalo ezinokuchaphazela izinto ezininzi ziye zathathelwa ingqalelo kwaye ziyinxalenye yeenzame zabantu zokwenza ingabikho ikhabhoni kwiindawo zoluntu njenxalenye yenguqu enzulu enobulungisa. Sizibophelele ekuseni phambili iindlela ezinjalo kunye notshintsho olupheleleyo olunedemokrasi oluchazwe ngezantsi.

**4.1 Izicwangciso Ezinedemokrasi ZeNguqu Enzulu Enobulungisa:** Abo basemagunyeni aphezulu bacinga ukuba abantu abakwazi ukuzicingela kwaye bengenazo neempendulo. Uluntu lonke ekuhlaleni nakwindawo nganye olusebenza kuyo kufuneka luphuhlise isicwangciso senguqu enzulu enobulungisa. Oku kufuneka kwenziwe ngendlela enedemokrasi ukwenza ukuba inguqu yamandla ombane yenze ingabikho ikhabhoni, ngoxa ihlangabezana neemfuno ezisisiseko, kwaye isisa phambili iindlela ezizezinye, iinjongo nemithetho-siseko njengoko imiselwe kulo Mqulu.

**4.2 Amandla Ombane Onokuvuselwa Asekuhlaleni Nasekelwe Kuluntu Ngokuyekiswa Ngokukhawuleza Kweegesi Ezinekhlabhoni:** Ukuxhomekeka kwethu emalahleni, kwioyile nakwiigesi kufuneka



kupheliswe kuba kukhawulezisa umonakalo kwimozulu, ekugqibeleni kukhokelela kwihlabathi ekungeke kuphilwe kulo. Amandla ombane enyukliya ayingozi kwaye ebiza imali eninzi. Endaweni yoko, siza kusa phambili iinkqubo zokuvuselelwa kwamandla ombane zasekuhlaleni nezisekelwe kuluntu (ezifana nombane welanga, womoya, wamanzi nowomsinga), oxhaswa luhlahlo lwabiwo-mali ekuthathwa inxaxheba kulo kunye namaqithiqithi (afana neentlawulo ezinikwayo) kwindawo esiphangela kuzo, emakhaya kunye nakuluntu. Ubuchwepheshe obunjalo bamandla ombane kufuneka bufakwe kumashishini eMzantsi Afrika, kusetyenziswa amandla ombane onokuvuselelwa. Ukusetyenziswa ngokoneleyo kwamandla ombane nobuchwepheshe ziya kubaluleka kule nguqu. Ukutshintshwa nokupheliswa kwenkxaso yeegesi ezinekhonikunye nokuphela kokukhutshwa (njengokutofelwa kolwelo ngamandla ematweni, imigodi yamalahle engakumbi kunye nokukhutshwa ngaphaya kwemida yonxweme) kubalulekile. Bonke abavelisi abakhulu bombane abafana neEskom neSasol kufuneka bazibophelele kwizicwangciso ezinzulu, ezinobulungisa zenguqu, ukugcina okusemdleni wabasebenzi, uluntu oluchaphazelekayo kunye nezizukulwana zexa elizayo.

- 4.3 **Ukuzondla Ngokuvelisa Ukutya:** Inkqubo ekhoyo ngoku yokutya okuvela kumashishini ibanga indlala, isebenzisa amanzi ngenkcitho, itshabalalisa indalo, ikhupha ikhabhoni kwaye jikelele ayinampilo. Ukulobela urhwebo kutshabalalise izinto eziphila elwandle kunye nendawo eziphila kuyo kwaye kwathathela phantsi amalungelo abalobi abalobela ukutya. Uluntu ngalunye kufuneka lubeke phambili isikeyile sincinane, sokulima ukuhlangabezana neemfuno zengingqi. Ilungelo lokutya kufuneka linike abavelisi bokutya, abalobi besikeyile esincinane abalobela ukutya, abarhwebi abangekho sikweni kunye nabathengi amandla kwiinkqubo ezikhululekileyo zokutya kwabo ukuqinisekisa ukuba ukutya okufanelekileyo ngokwenkcubeko nokunesondlo kufumaneka kumntu

wonke. Ngaphaya koko, iintlobo zezityalo nezilwanyana nendawo eziphila kuyo, ulawulo lwembewu nemithombo ukuze ziveliswe kufuneka kuqinisekise ukubaluleka kolwazi lwemveli, iimarike zengingqi, ulawulo lwamanzi omntu wonke emhlabeni, ukusetyenziswa komhlaba abantu bethatha inxaxheba ngqo, kunye nempilo entle. Iifama ezinkulu kufuneka zincitshiswe ukuqinisekisa ubulungisa emhlabeni, kodwa ke ngendlela efanelekileyo, eyomeleza uxolelwaniso kwaye eyakha imbumba yamanyama.

**4.4 Ukusebenzisa Idemokrasi Kumanzi Omntu Wonke:** Amanzi alawulwa ngabambalwa ngoxa abaninzi bewafuna ngamandla. Iifama zoshishino, imigodi, umbane owenziwa ngamalahle, iswekile namahlathi amaplanga ngabanye babasebenzisi abangundoqo bamanzi. Okulungele uluntu, amanzi kufuneka alondolozwe ngabo bonke abantu kwaye akhuselwe kungcoliseko. Ngaphaya koko, ukusetyenziswa kwamanzi kufuneka kube kucetywe ngokukhululekileyo kwaye kulawulwe ngempumelelo ngoxa kuqinisekiswa amalungelo abemi okusebenzisa lo mthombo unqabileyo kwaye uxabiseke kangaka. Izakhiwo zamanzi nezococeko kufuneka zilungiswe, zilawulwe kwaye zibekwe iliso ukuqinisekisa ukuba zisetyenziswa ngempumelelo. Ulondolozo lwamanzi avela ekuyekisweni kokwenziwa kwamalahle kunye nokulima ngesikeyile esikhulu kwamashishini amakhulu kuya kunyusa ukufumaneka kwamanzi kumntu wonke. Uluntu oluwathathela ingqalelo amanzi kufuneka lukhuthazwe.

**4.5 Yonwabela Ubomi Ngokusebenza Kancinane:** Ayisenzeki into yokuba abantu basebenze ukuze bakwazi ukuphila kwaye bafumane ingeniso. Intswelanguqesho, imisebenzi ebhatala kancinane kunye neeyure ezinde zokusebenza ziyalwenzakalisa uluntu lwethu. Kwimimandla eshushu, iiyure zokusebenza kufuneka zehliswe, ubuncinane iintsuku ezine ngeveki. Imisebenzi ephucukileyo, engenayo ikhabhoni kwimozulu kufuneka iqinisekise kwaye ixhaswe ngokuhlanganyelana, iindlela ezisekelwe

kwiinkqubo ezisemgangathweni ezivumelana nokusingqongileyo ekuveliseni, ukusetyenziswa, inkxaso kunye neendlela zokuphila ngoqoqosho lwembumba yamanyama. Uqoqosho olunjalo lusekelwe kwiimfuno kunye needemokrasi zamandla oqoqosho. Kunye nenkqubo yengeniso esisiseko efanayo (universal basic income grant system) (UBIG) sinceda kwimpahla esele ikhona yoluntu, bonke abasebenzi banokukhuselwa kwinguqu efunekayo kwaye ke uluntu jikelele luya kuncedeka. I-UBIG jikelele iza kukhuthaza impumelelo yenkcubeko yomntu ngaphaya komsebenzi.

**4.6 Ukungabikho Ngozi Kokusingqongileyo NeeNkqubo Zezithuthi Zikawonke-wonke Ezinamandla Acocekileyo Ombane:** Ishishini leemoto ngunobangela omkhulu wokuthathela phantsi iinkqubo zezithuthi zikawonke-wonke ezinamandla acocekileyo ombane kunye notyalo-mali oluyinkcitho kwizakhiwo zendlela ezibiza imali eninzi. Ezi ngozi zinokupheliswa ngenkxaso enkulu yokuhamba ngenyawo, iibhayisekile, izithuthuthi ezisebenzisa amandla ombane acocekileyo, amahashe needonki njengeendlela zothutho ezingeyongozi kokusingqongileyo. Izixeko needolophu kananjalo kufuneka zingabi nazithuthi kwaye zibe nezakhiwo ezingeyongozi kokusingqongileyo. Uluntu ngalunye kufuneka ludityaniswe kwinkqubo leyo ihambisa abantu ngobuninzi njengeebhasi, oololiwe neetramu ezihamba ngamandla ombane avuselelwayo kunye nobuchwepheshe behayibridi obusekelwe kuveliso lwengingqi olungeyongozi kokusingqongileyo. Uthutho lwempahla kufuneka kananjalo lutshintshelwe koololiwe. Imoto ezingezizo ezombane ezisebenzisa iigesi ezinekhlabhoni kufuneka zipheliswe. Izithuthi zasemoyeni naselwandle nazo mazingabi nayo ikhlabhoni okanye zibe mbalwa.

**4.7 Ukungabikho Kwenkunkuma Nokuphila Ngokulula:** Ukusetyenziswa kakhulu kwempahla kunye 'nezimbo zokuphila zabantu abadumileyo'

zisebenzisa kakhulu imithombo, ziyinkcitho kwaye zisekelwe kwikhabhoni. Ngaphaya koko, iitiphu, ukutshiswa kwenkunkuma kunye nongcoliseko lwezinto eziphilayo nendawo eziphila kuzo ziyingozi. Ukungabikho kwenkunkuma kuphelisa inkqubo yokulungisa izinto ziphinde zisetyenziswe, imithetho siseko yembumba yamanyama kuqoqosho kunye noyilo oluzinzileyo kuqoqosho lwethu ukuze kubekho ukukhutshwa okuncinane (okanye kungabiho) kwimathiriyeli ekrwada. Ubuchwepheshe obuthile, obufana nokusebenzisa kanye iplastiki, kufuneka buvalwe. Xa sinokuphila ubomi nje obulula, singaphila ngemithombo kunye nekhlabhoni encinane.

**4.8 Izindlu, Izakhiwo Kunye Needolophu Zenguqu Ezinobudlelwane Obuphakathi Komntu Nezinto Abandakanyeka Kuzo:** Amakhaya amaninzi akhoyo awakhiwanga ngendlela yokuba amelane nemozulu egqithisileyo. Ngaphaya koko, abantu abaninzi kuluntu lwethu abanawo amakhaya ngoxa izityebi zinamabala eegalufa. Kufuneka songeze okuthile kwizakhiwo kunye namakhaya asele ekhona ukuze akwazi ukumelana nobushushu kunye nemozulu egqithisileyo. Ngokufanayo, amakhaya amatsha kufuneka ayilwe njengenxenye yendawo evumelanayo nezinto eziphilayo kunye nendawo eziphila kuyo, iilali, iidolophu, izikim zikamasipala zengqesho kunye nezixeko apho iindlela zokwakha zisebenzisa imathiriyeli yendalo, zineempembelelo ezingephi kokusingqongileyo kwaye ezinika iimfuno zomhlaba ezinobudlelwane obuphakathi komntu nezinto abandakanyeka kuzo zabantu ngabanye njengenxenye yoluntu. Iimfuno ezinjalo zezezindlu, ukuveliswa kokutya ngokulima, ukusetyenziswa kwamanzi okuzinzileyo, intlobo zezityalo nezilwanyana ezikwindawo ethile, ukukhulisa abantwana nenkcubeko. Isamente ayisetyenziswa apha ngenxa yokuba nekhlabhoni kakhulu kwayo kwaye kufuneka ikhutshwe njengobuchwepheshe bokwakha.

#### 4.9 **Ngaphaya Kolwazi Neemodeli Zoqoqosho Njengoko Zamkelwe Ziingcali**

**Zoqoqosho:** Uqikelelo ezenziwa luqoqosho ngokuziphatha komntu, indalo, iinzuzo, iimarike, izinto ezinokuthengiswa kunye nokukhula zitshabalalisa yonke into. Ulwazi neemodeli zoqoqosho njengoko zamkelwe ziingcali zoqoqosho zinika abambalwa ubutyebi, ukusebenzisa kwabo imithombo okutshabalalisayo, kunye nongcoliseko kunye nekhlabhoni evela abo. Uqoqosho lwethu kufuneka luncede imfuno zethu njengabantu abanobudlelwane obuphakathi komntu nezinto abandakanyeka kuzo kunye neemfuno zezinto eziphilayo kunye neendawo eziphila kuyo. Sifuna iinzululwazi ngokulawula uqoqosho lwelizwe ezithathela ingqalelo iimpawu zezinto eziphilayo nendawo eziphila kuyo, ulonwabo, impilontle, ukuxhathisa kwezinto eziphilayo nendawo eziphila kuyo (ngophichotho lwarhoqo), imithombo yendalo, kunye nemida yeplanethi. Iinzululwazi zethu ngokulawula uqoqosho lwelizwe kufuneka ziqhelanise nemiba kunye nezixhobo ezihlola imeko yezidalwa eziphilayo kwaye eziphelisa ukwenzakaliswa kwabantu ngokunjalo nakwiintlobo ezingebabo abantu. Oku kufuneka kusebenze njengesiseko seajenda yokumisela, umgaqo-nkqubo, ulwabiwo lemithombo kunye nesicwangciso sedemokrasi.

#### 4.10 **IziTyebi kuFuneka ziHlawule iTyala lazo kwizinto eziphilayo kunye**

**neNdawo eziphila kuyo:** Izityebi kuluntu lwethu zisebenzise imithombo ngokugqithisileyo, zaphembelela kakubi izinto eziphilayo neendawo eziphila kuzo, kwaye zikhupha ikhlabhoni eninzi. Basikweleta sonke ityala kwizinto eziphilayo kunye neendawo eziphila kuzo kwaye ke kufuneka bawuthwale lo mthwalo wezimali wenguqu enzulu enobulungisa. Oku kuthetha ukuba mazihlawule irhafu yetyala lemozulu izityebi; irhafu eziphezulu ekuhambeni ngeenqwelomoya, ijethi zabucala, izithuthi zodidi neemoto zombane; irhafu yekhlabhoni eqhubayo ejoliswe kumaqumrhu enza ungcoliseko angayekiyo ukusebenzisa ngokukhawuleza ngokwaneleyo ikhlabhoni; kunye nerhafu yobulungisa kwimozulu kumaqumrhu kunye noorhulumente ngolwaphulo mthetho lwekhlabhoni.

Abasebenzi kufuneka basebenzise ityala kumhlalaphantsi kunye nakwingxowa-mali yabo yobekelo, oko bekwenza ngolawulo lwabasebenzi, ukuqinisekisa ukuba inguqu enzulu enobulungisa iyahlangabezana neemfuno zabo kwaye ixhase ukudalwa kwebhanki yesizwe yentsebenziswano ukunceda iindawo zokusebenza, uluntu nemizi ngenguqu yamandla ombane wasekuhlaleni ovuselelwayo kunye nokuphunyezwa kwezicwangciso zenguqu enzulu enobulungisa. INkxaso karhulumente kufuneka kananjalo ihambe neerhafu yokungonzakalisi okusingqongileyo, izohlwayo zongcoliseko, ukuyekwa kwenkxaso yeegesi ezinekhoboni , kunye neminye imithombo eqhubayo yokurhafisa.

**4.11 ULwazi luBalulekile ekuPhileni:** Kukho isithuba esikhulu solwazi kuluntu ngokuphathelene nokuba mandundu kwentlekele yemozulu. Kufuneka sisebenzise iinkqubo ezahlukeneyo zolwazi ukwenza iluntu luqonde kwaye luphile. Ulwazi lwemveli lunemithombo enamandla yokusincediswa kwaye kufuneka luthathwe, lufundwe kwaye luhlonitshwe. Inzululwazi yenkqubo yomhlaba, kuquka inzululwazi yemozulu, yimfuneko ukunika uluntu ulwazi malunga nentlekele yemozulu kunye nemingeni yayo. Inzululwazi yemozulu njengenzululwazi yabantu kufuneka ihambe namava aphiliweyo ngokusekelwe ekuqwalaseleni kunye nasekufundeni kwizinto eziphilayo kunye nendawo eziphila kuyo. Ngenxa yobunzima botshintsho lwemozulu, uphando kunye nokuveliswa kweendlela ezintsha ukuqinisekisa utshintsho olupheleleyo kunye nokusa phambili okusemdleni woluntu kufuneka zixhaswe. Iiyunivesiti nezikolo kufuneka ziyithathele kuzo le mingeni yolwazi.

**4.12 UKhathalelo lweMpilo lweNgxakeko, oluPheleleyo noluThintelayo:** Ukungalingani kukhathalelo lwempilo kuthetha ukuba iingozi kokusingqongileyo ziza kuzisa ukungabikho kobulungisa, obufana nobo bangexa lukabhubhane we-Covid-19. Sifuna iinkqubo zokhathalelo lwempilo zoluntu ezisebenzisekayo, ezifikelekayo nezisabelayo ukuze

zihlangabezane neemfuno zabantu kwaye zilungise imingeni yezempilo eza nobushushu bemozulu. Iinkqubo ezinjalo zempilo kufuneka zikwazi ukumelana nengxakeko, ukonzakala engqondweni, izifo kunye noobhubhane abatsha. Ukhathalelo olupheleleyo kunye noqhelaniso lothintelo ezantsi kufuneka zomelezwe.

#### **4.13 AmaLungelo eNdalo kunye neziSombululo zeMozulu yeNdalo:**

Amalwandlekazi angcolisekile, amahlathi atshatyalaliswa, umhlaba webiwa kwaye ilahleko yezityalo nezilwanyana kunye neendawo eziphila kuyo yonyukile, konke oku ngenxa yokusukelana nenzuzo. Ukuze siphile, kufuneka zihlonitshwe zonke izidalwa eziphilayo. Bonke ubomi kunye nazo zonke izinto eziphilayo neendawo eziphila kuzo kwiplanethi yethu enye ixhomekeke kwenye kakhulu kwaye kufuneka zibe khona, zizingise kwaye zivelise kwakhona imijikelo yazo ebalulekileyo. Indlela yamalungelo endalo iqonda ixabiso lendalo lazo zonke iintlobo zobomi obungebubo obabantu. Ngaphaya koko, indalo inezayo izisombululo kutshintsho lwemozulu esinokufunda kuzo. Izisombululo ezinjalo ziquka ulondolozo, ukubuyiselwa kwimo yangaphambili kunye nemisebenzi yolawulo lomhlaba enyusa ukugcinwa kwekhabhoni emahlathini, kwimigxobhozo, kwiindawo ezinengca, izinto eziphilayo nendawo eziphila kuzo ezisemanxwemeni kunye nemihlaba yeefama zezolimo nezinto kunye neendawo ezizijikelezileyo. Irejista zeentlobo zezityalo nezilwanyana kunye neendawo eziphila kuzo zibalulekile ekukhuseleni kunye nasekuseni phambili izisombululo zemozulu yendalo.

#### **4.14 AbaCholi beeNdaba abayiQondayo iMozulu:**

Abacholi beendaba abaluniki ulwazi oloneleyo uluntu ngotshintsho lwemozulu. Kufuneka bayithathe ngamandla inzululwazi yotshintsho lwemozulu kwaye banike ulwazi uluntu ngentlekele yemozulu, imiba yomgaqo-nkqubo kunye nezinye iindlela eziquka izinto ezininzi ezifunekayo. Iindaba zemozulu

kufuneka zisasazwe koonomathotholo, kumabonakude nakumaphepha-ndaba.

## **5. Okubhekise kuRhulumente wobuLungisa kwiMozulu obuQhutywa ngabaNtu**

Urhulumente woMzantsi Afrika kufuneka ibe ngurhulumente onobulungisa kwimozulu oqonda ingxaki yemozulu, ngoxa esomeleza idemokrasi yethu. Kufuneka akhokelwe ngumbono, iinjongo, imithetho-siseko kunye nezinye indlela ezininzi ezipheleleyo ezikhokelwa ngabantu eziqulethwe kulo Mqulu kwaye yonke imigaqo-nkqubo yakhe kufuneka ingqinelaniswe nalo Mqulu. Ingakumbi, urhulumente wobulungisa kwimozulu kananjalo:

- 5.1 Uza kwenza isicwangciso sothatho nxaxheba senguqu enzulu enobulungisa kokungezantsi.
- 5.2 Ukuphuhlisa iindlela zenkxaso yoluntu njengengxowa-mali yeinshurensi yemozulu yoluntu kunye nesixhobo sengeniso esisigxina yokuxhasa imozulu, ukunika igunya lentlekele yemozulu kwiBhanki enguVimba, ukwazisa onke amaziko ezimali karhulumente nawabucala ukuba axhase inguqu enzulu enobulungisa kunye nokusa phambili izindululo zerhafu kulo mqulu.
- 5.3 Ukuqinisekisa imimiselo eqhubayo eza kwehlisa intshabalalo enkulu, ibeke imida kumaqumrhu, kwaye okubalulekileyo, ivale nakuphi na ukuthathwa kweegesi ezinekhakhoni .
- 5.4 Ukususa ikhakhoni kuyo yonke imisebenzi karhulumente kunye nokuphumeza ukungasetyenziswa kwantlobo kwekhakhoni kuyo yonke imisebenzi yakhe;
- 5.5 Ngokolawulo kunye nangomgaqo-siseko ukuyila ngokutsha izakhiwo zikarhulumente njengoko ezinye iindawo kunokungahlaleki kuzo elizweni.



- 5.6 Ukulungiselela ilizwe amanqanaba anyukayo olwandle kunye nokuthatha amanyathelo afanelekileyo njengenxenye yesicwangciso sothatho nxaxheba.
- 5.7 Ukomeleza urhulumente wengingqi ukuba abe namagunya aphezulu kunye nokufaneleka ukuba enze ucwangciso olunedemokrasi ukuze amelane nentlekele yemozulu.
- 5.8 Ukuphuhlisa amandla eziko ngenkqubo elawulwa ngabantu yentlekele kwimozulu, equka inkonzo yomlilo yesizwe, izibhedlele zikarhulumente ezisebenza ngokupheleleyo, amaqela engxakeko asabela ngokukhawuleza, abasebenzi abaninzi kwinkonzo zemozulu kunye nezakhiwo zolawulo lwentlekele.
- 5.9 Ukukhuthaza uphando nokuveliswa kwezinto ezintsha ukwenza nzulu utshintsho kwinto yonke kwinguqu enzulu enobulungisa ngezantsi, ukwazisa uluntu ngempumelelo kunye nokuqinisekisa ukuba onke amaziko karhulumente ziinkokeli zobulungisa kwimozulu.
- 5.10 Ukwehlisa yonke inkcitho engafanelekanga, ukuphelisa urhwaphilizo kunye nokwenza ukuba kube sesikweni ukuthathwa kwezigqibo ngamagosa karhulumente ngokuqesha abona bantu bagqwesileyo elizweni ukuba basebenze kurhulumente. Izigqibo ezenziwa ngamagosa karhulumente ezingacaluliyo ngokwenene kwaye ezikhokelwa ngabafazi kufuneka ziyilwe.
- 5.11 Ukusa phambili ubulungisa kwimozulu kubudlelwane bakhe namazwe ngamazwe, kuquka ukuVuselelwa kobuAfrika, ngokukhuthaza: isikhundla sobulungisa kwimozulu phakathi koorhulumente baseAfrika ukuba bafune imbuyekezo yetyala lemozulu kwihlabathi elukumantla njengenxenye yeSithembiso sobuLungisa kwiMozulu; ukwayo lobulungisa kwimozulu olubhekiswe kumazwe anolwaphulo-mthetho lwekhabhoni; imbumba yamanyama ebhekiswe kwiimbacu nabafuduki; uphando;

iindlela ezizezinye ezipheleleyo; ukufakwa ngokwamaqela kwamandla ombane onokuvuselelwa; ukukwazi ukusabela kwintlekele yemozulu; kunye nokucela 'Ukuphela kweSivumelwano samaFutha aThathwe kwiziTyalo neziLwanyana eziBolileyo' kwinkqubo ye-UN exhamlisa oorhulumente baseAfrika.

## **6. AmaNdla abaNtu okuSebenzisa uMhlaba wabaNtu bonke kunye neSithembiso sobuLungisa kwiMozulu kuMzantsi Afrika**

Ikamva lobulungisa kwimozulu linokuphunyezwa kuphela ngamandla abantu abamanyeneyo. Oku sikufunde ngomzabalazo owawuchasene nobukolonali, ucalulo nokhuselo lwemidla yabantu abathile.

Amandla akwiinxenye ezohlukeneyo zoluntu, kwiinkqubo esizakhayo, imibutho neendibano esiyinxenye yazo, kunye nakupolitiko esilwenza nje ezitalatweni. Amandla abantu kufuneka abe phambili ekukhuseleni imithomnbo yendalo yokuphila esigcina siphila thina kunye nezizukulwana zexa elizayo.

Abantu zizidalwa eziziqhelanisayo kwaye zitshintshe nemeko. Siyabaqonda ukuba oonobangela bentlekele kwimozulu kwaye sinezisombululo ezinobulungisa, ezinedemokrasi, ezonokutshintsha ukuthintela ukuphela. Lo Mqulu wobuLungisa kwiMozulu, ngumqondiso, isimemo, sokusisa sonke kwicala lotshintsho lwenkqubo ngoku kunye neSithembiso sobuLungisa kwiMozulu esiphelisa ukuhlupheka kwabona bantu basesichengeni nabacinezelweyo. Iphulo elinjalo elikhokelwa ngabantu liza kuqinisekisa ukuba silungisa iintlekele ezininzi eziyongene nelizwe lethu ngoxa siqinisekisa ithemba lokuninzi okuxelwe kulo Mqulu. Masimeleni uluntu olukhathalayo nolumanyeneyo, eMzantsi Afrika kunye nangembumba yamanyama yamazwe, phambi kokuba sishiywe lixesha.

**Phambili ngoMqulu wobuLungisa kwiMozulu kunye neNguqu eNzulu enobuLungisa ukuGcina uBomi buqhuba!**

